

linombolo zexesha likaxakeka:

107

(kwifowuni yasendlini)

021 480 7700

(kwiselula)

Olu luhlu lwezinto ekufuneka ziqwalaselwe luyafumaneka
ngolwimi lwesiNgesi nolwesiBhulu.

Nceda uqhagamshelane nathi ukuba ufuna ukufumana olu
luhlu ngolwini oluthile.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD



**UKHUSELEKO LOMLILO
NOBOMI EKHAYA
ULUHLU LWASEKHAYA**



Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.

Likhuseleke kangakanani ikhaya lakho nosapho lwakho?

Olu luhlu lokhuseleko lomlilo nobomi luya kukunceda ekuphawuleni izinto ezinako ukubangela ingozi yomlilo kwikhaya lakho. Lukwaseka iindlela ezilungileyo zokujonga indlu yakho neziya kuphucula ukhuseleko emlilweni kwikhaya lakho ngokubalulekileyo.

Phendula imibuzo ngokuthembekileyo.

Ukuba impendulo yakho ngu-'hayi' kuwo nawuphi na kule mibuzo, thatha inyathelo ngaphambi kokuba kubekho umntu owonzakalayo.

Xa ufuna iinkcukacha ezingezinye, qhagamshelana nesikhululo somlilo kwingingqi yakho okanye amaGosa ethu eMfundo oKhuseleko loMlilo noBomi ku-021 703 3184 okanye uthumele i-imeyile ku: lifesafety@capetown.gov.za

Masisebenzisane ukukhusela abo sibathandayo.

 Ukucupha ukuqalisa komlilo nocimo-mlilo	Ewe	Hayi
Izixhobo (ii-alam) zokulumkisa ngomsi: Ingaba ikhaya lakho linaso nokuba sinye isixhobo sokulumkisa ngomsi ukukhusela usapho lwakho ngexa nilele? (Uninzi lwemililo ezindlini lwenzeka ebusuku. Izixhobo zokulumkisa ngomsi zilinciphisile izinga lokufa ngomlilo ngama-50% e-US nase-UK.)	☐	☐
Ingaba uyayivavanya ibhetri yesixhobo sakho sokulumkisa ngomsi kanye ngenyanga ubuncinane uphinde uyitshintshe ibhetri kanye ngonyaka?	☐	☐
Ingaba wonke umntu uyasazi isandi sesixhobo sokulumkisa ngomsi?	☐	☐
Izicimi-mlilo: Ingaba ikhaya lakho linaso isicimi-mlilo okanye ingubo yokhuseleko emlilweni ehambelana nemiqathango ye-South African National Standards (SANS)?	☐	☐
Ingaba isicimi-mlilo sakho sikhe savavanywa yingcali evunyiweyo ngokwemiqathango ye-SANS kwiinyanga ezili-12 ezidlulileyo?	☐	☐
Ingaba isicimi-mlilo sakho sigcinwe kwindawo efikelelekayo nefanelekileyo, umz. kufutshane nomnyango ophumela ngaphandle?	☐	☐
Ingaba ukhe wafumana uqeqesho okanye iingcebiso kumkhosi wabacimi-mlilo kwingingqi yakho ngeendlela zokusebenzisa isicimi-mlilo sakho ngokukhuselekileyo?	☐	☐
 linkqubo zexesha likaxakeka nezicwangciso zokuphepha umlilo	Ewe	Hayi
Ingaba wena nosapho lwakho nikhe naziqhelanisa nescwangciso sokuphepha umlilo? (Isicwangciso sokuphepha umlilo siya kukhawulezisa indlela yokuphepha kwenu futhi ingasindisa ubomi bakho.)	☐	☐
Ukuba unabantwana abancinci okanye amalungu osapho angakwazi ncam ukushukumiseka, ingaba ukhona umntu onikwe umsebenzi wokubanceda ekubeni baphumele ngaphandle xa kunokuqhambuka umlilo? (Ikakhulu iba ngabantwana abancinci nabadala abathi basweleke ngenxa yomlilo.)	☐	☐
Ingaba abantwana bakho bakhe baziqhelanisa nendlela yokuphepha umlilo ngaphandle kokuncedwa ngumntu omdala?	☐	☐
Ingaba abantu abajonga abantwana, abanikezeli benkathalo kunye nabatyeleli bebonke bayazazi iindlela zokuphepha umlilo xa kunokuqhambuka umlilo?	☐	☐
Ingaba niyaziqhelanisa nescwangciso sokuphepha umlilo kanye ubuncinane rhoqo kwiinyanga ezintandathu?	☐	☐
Ingaba ugcina itotshi ihlale njalo ifumaneka ukuze isetyenziswe xa kumke umbane okanye kuqhambuke umlilo?	☐	☐

 Ukuphepha umlilo	Ewe	Hayi
Ingaba uyazi ukuba xa kunokuqhambuka umlilo, kufuneka ukhuphe wonke umntu osendlini uze ufowunele isikhululo sabacimi-mlilo?	☐	☐
Ingaba wonke umntu uyazi ukuba kufuneka baphumele ngaphandle futhi bahlale phandle xa kunokuqhambuka umlilo? (Shiya ngasemva zonke izinto ezibalulekileyo nezinto ezizezakho. Qinisekisa ukuba abantwana bayazi ukuba akufunekanga bazimele.)	☐	☐
Ingaba uyazi ukuba akufunekanga uzame ukucima umlilo de kube kubizwe abacimi-mlilo futhi kuphela xa kungekho ngozi enokwenzeka kuwe?	☐	☐
Ingaba usapho lwakho liyayazi inombolo 107 yexesha likaxakeka kwaye ingaba u-107 ubhalwe ngokucacileyo efowunini yakho ekuncedeni abantwana xa kufuneka befowunele uncdo?	☐	☐
Ingaba wonke umntu uyazi ukuba kufuneka akhasele ngaphantsi komsi ukuphepha umlilo? (Ukuphefumla umsi kungakubulala. Umoya opholileyo kufutshane nomgangatho uya kukunceda ukuba uphefumle kwaye ukhase ngokukhuselekileyo.)	☐	☐
Ingaba unazo iindlela ezimbini zokuphumela ngaphandle endlini yakho xa kunokuqhambuka umlilo?	☐	☐
Ingaba ii-burglar bars zakho ziyavuleka ngaphakathi ukuthintela ukuba ungavaleleki ngaphakathi?	☐	☐
Ingaba iifestile zakho, iingcango nomgangatho zigcinwe zingenazinto ezithintelayo ukuvumela ukuphuma okulula xa kunokuqhambuka umlilo?	☐	☐
Ungazivula iingcango ngokukhawuleza futhi izitshixo ingaba zihlala zifumaneka zokuvula iingcango? (Gcina izitshixo ziseminyangweni nakumasango okhuseleko okanye kwiindawo zokuzihakisha ezikufutshane.)	☐	☐
Ingaba uyazi ukuba xa kunokuqhambuka umlilo kwigumbi, kufuneka uvale umnyango ukunciphisa ukunwena komlilo?	☐	☐
Ingaba ulala uvale iingcango zakho ukukhusela ukusasazeka komsi nokunwenwa komlilo?	☐	☐
Ingaba uyazi ukuba xa uvaleleke emlilweni, kufuneka uvale umnyango kwigumbi lakho uze ubeke ingubo okanye itawuli ngaphantsi kocango ukuze umsi ungangeni? (Khwaza ukrobe ngefestileni ucele uncdo.)	☐	☐
Ingaba uya kukhumbula ukuvala zonke iingcango xa uphumela ngaphandle kwikhaya lakho?	☐	☐
Ingaba usapho lwakho lunendawo ekhuselekileyo yokudibana xa ningaphandle kwekhaya lenu?	☐	☐

 Uthintelo lomlilo: Ubushushu nepetroli	Ewe	Hayi
I-Liquid Petroleum Gas (LPG): Ukuba usebenzisa irhasi, ingaba ubanazo iisilinda ezingu-9 kg, enye ibe yesebenzayo enye ibe sisipere?	☐	☐
Ingaba ukufakelwa kwerhasi yakho kukhe kwajongwa kwaze kwaqinisekiswa ngumfaki werhasi obhalisiweyo wakwa-LP gas kunye/okanye iSebe labaCimi-mlilo apho kufaneleke khona?	☐	☐
Ingaba abantwana bahlala rhoqo bejongiwe xa irhasi, umlilo ozivuthelayo, izishushubezi ze-oyle okanye imililo evulekileyo isetyenziswa?	☐	☐
Xa ulayita isixhobo serhasi, ingaba uqale uqhwithe ngaphambi kokuba uvulele irhasi?	☐	☐
Izishushubezi: Ingaba izishushubezi zisetyenziswa kwiindawo ezikhuselekileyo (apho kungekho mntu onokuzigila okanye kuwele izinto phezu kwazo) malunga nemitha e-1 kude nefenishala, ufakelo lwefenishala okanye nayiphi na into engenye enokutsha? (Ubushushu obukhutshwe imitha kudala umlilo ezindlini ezininzi.)	☐	☐
Ingaba uyazicima izishushubezi xa usimka endlini naxa ulele?	☐	☐
Ingaba awoneki iimpahla zakho kwisishushubezi okanye kufutshane nezishushubezi?	☐	☐
Ingaba ugcina ifestile ivuliwe kancinci kumagumbi apho kusetyenziswa khona izishushubezi zeparafini okanye ezerhasi? (Izishushubezi ezinedangatya zisebenzisa i-oxygen eninzi futhi zivelise imimoya enetyhefu.)	☐	☐
Ingaba iikhetini zigcinwa kude nezibonelelo zobushushu nokuqhwitha okunokwenzeka?	☐	☐
Ingaba usebenzisa futhi ukwagcina iingubo zombane ngokwemiyalelo yomvelisi, ingaba uzifaka ngokuchanekileyo? Ingaba zicinyiwe xa sele usebhedini, zihlolwa rhoqo kwaye azisetyenziswa kunye neebhotile zamanzi abilisiweyo?	☐	☐
Ukupheka: Ingaba uyaqinisekisa ukuba awuzange wakushiya ukupheka ukutya kungekho mntu okujongileyo? (Imililo emininzi ibangelwa kukutya okushiye kodwa esitovini, ingakumbi amafutha.)	☐	☐
Xa ufrayisha emafutheni amaninzi, ingaba ugcina imbiza yakho ingaphantsi kwesinye kwisithathu ukugcwala ngamafutha? (Oku kunciphisa ingozi yokuchitheka kwamafutha abilayo esitovini sakho.)	☐	☐
Ingaba wonke umntu uyazi ukuba kufuneka usebenzise ilaphu elimanzi ukucima umlilo obangelwe ngamafutha okupheka? (Musa ukugalela amanzi kumililo wamafutha kuba uyakwanda ngephanyazo.)	☐	☐

 Uthintelo lomlilo: Ubushushu nepetroli	Ewe	Hayi
Ingaba uyazama kangangoko ukuba unganxibi iimpahla ezinkulu xa upheka?	☐	☐
Ingaba wonke umntu ukhe waziqhelanisa nendlela 'yokuma, uwe uze uziqengqe' ukuba iimpahla zakho zithe zabambeka emlilweni? (Musa ukubaleka kuba oku kuya kwenza ukuba umlilo ubengaphaya kwamandla.)	☐	☐
Ingaba iimbiza zisetyenziswa kwindawo ekhuselekileyo esitovini? (Tshintshela imiqheba ngaphakathi, hayi ngaphaya kwendawo eshushu ukuze ingagilwa mntu, futhi ibekude nalapho abantwana banokufikelela khona.)	☐	☐
Ingaba iintambo zombane ezisuka kwiithowusta, iiketile nezinye izixhobo zombane zigcinwe kude nesitovu kwaye azishiywa zijinga apho abantwana abancinci benokufikelela kuzo?	☐	☐
Ingaba indawo engaphezulu nejikeleze isitovu sakho ayinazinto ezinokutsha?	☐	☐
Ingaba izinto ezidala umtsalane ebantwaneni (iilekese neebhiskithi) zigcinwa kude neendawo zakho zokupheka ukuze abantwana bangahendeki bafune ukukhwela kwiindawo ezishushu?	☐	☐
Ingaba imililo yokosa ikhutshelwa ngaphandle emva kokuba ugqibile ukupheka?	☐	☐
Ingaba wonke umntu uyazi ukuba kufuneka indawo otshe kuyo uyipholise? (Thatha inyathelo ngokukhawuleza uze ufake lo ndawo utshe kuyo emanzini abandayo kangangemizuzu engama-20 ubuncinane.)	☐	☐
Iindawo zokuba umlilo: Ingaba indawo yakho yokubasa umlilo ifakelwe ngendlela echanekileyo? (Imililo emininzi ibangelwa kukufakelwa okubi. Abantu bayasweleka ngenxa yetyhefu ye-carbon monoxide xa izixhobo zerhasi zifakelwe nangona kungekho moya woneleyo ophumayo nongenayo.)	☐	☐
Ingaba izikhuseli zeziko zibekiwe ukujikeleza imililo evulekileyo? (Gcina izinto ezinokutsha kude nezikhuseli zeziko futhi uyeke nokomisa iimpahla phambi kwemililo.)	☐	☐
Ingaba izipili zixhonywe kude neendawo zokubasa umlilo okanye ezinye izishushubezi? (Musa ukuma kufutshane kakhulu nomlilo, ungatshisa iimpahla zakho.)	☐	☐
 Uthintelo lomlilo: Ukhuseleko lombane	Ewe	Hayi
Ingaba zonke izinto ezisebenzisa umbane ezingasebenziyo ziyacinywa futhi zikhutshwe eplagini? (Iingxaki zombane zingunobangela wemililo emininzi, ingakumbi ebusuku.)	☐	☐
Ingaba ii-TV, ii-hi-fi nezinye izinto ezisebenzisa umbane ziyacinywa, kwaye azishiywa zikwimo elindeleyo?	☐	☐
Ingaba ii-ayini zombane nezinye izixhobo zombane ziyalindwa ziphole ngaphambi kokuba zifakwe elugcinweni?	☐	☐

 Uthintelo lomlilo: Ukhuseleko lombane	Ewe	Hayi
Ingaba uneepalagi ezoneleyo kwigumbi ngalinye ekunciphiseni ukusetyenziswa kwezidibanisi zombane (ii-adaphtha) neekheyibhile nokuthintela ulayisho olungaphaya kwamandla?	☐	☐
Ingaba isokethi zeeplagi neentambo ezongezelelweyo (iikhodi) zingaphaya kwamandla? (Umthetho uthi: 'isokethi nganye, kwiplagi nganye'. Kungayinikezela ubushushu obugqithisileyo isokethi kuze oko kuqalise umlilo ngokufaka izidibanisi zombane kwisokethi enye. Isixhobo esisebenzisa umbane ominzi singangaphaya kwamandla eentambo okanye iikhodi ezongezelelweyo.)	☐	☐
Ingaba iintambo zombane neengcingo zombane (flexes) zikwisimo esifanelekileyo? Ingaba iintambo ezibhideneyo okanye ezonakeleyo ziyatshintshwa, azilungiswa nje kuphela?	☐	☐
Ukuba kusetyenziswa iintambo ezongezelelweyo, ingaba zisetyenziswa ngendlela ekhuselekileyo (zingabikho ngaphantsi kweekhaphethi okanye zinqamleze iingcango)?	☐	☐
Ingaba iintambo ezongezelelweyo zikhuselwe ngokufanelekileyo (hayi ngokusebenzisa izikhonkwane okanye iingcingo)?	☐	☐
Ingaba uyakulumkela ukuthatha isixhobo esiphathekayo sombane usise kwigumbi lokuhlamba ukuthintela ukutshowukhwa ngumbane?	☐	☐
Ingaba zonke izixhobo zombane zihambelana nemiqathango ye-SANS?	☐	☐
Ingaba zonke izibane ezibonisa izilumkiso ezitovini nakwezinye izixhobo ziyasebenza ukubonisa ukuba isixhobo eso silayitiwe okanye sicinyiwe?	☐	☐
Ingaba uyalwenza uhlobo lokhuseleko kwikhaya lakho uze ulungise zonke iziphene rhoqo?	☐	☐
 Uthintelo lomlilo: IiNdlela zokhuseleko	Ewe	Hayi
Ukuba kukho umntu otshaye ngaphakathi kwikhaya lakho, ingaba unezikhongozeli zothuthu ezoneleyo ezinkulu, ezinzulu nezingethambekiyo?	☐	☐
Ingaba uyaqinisekisa ukuba awusoze ushiye isigarethi okanye inqawe elayitiweyo yodwa? (Zingawela esitulweni okanye ekhaphethini zize ziqalise umlilo.)	☐	☐
Ingaba 'ukungatshayeli ebhedini' ngumthetho omisiweyo kwikhaya lakho? Kulula ukusuka ulale xa utshayela ebhedini okanye kwisitulo esineendawo zokuphumza iingalo.)	☐	☐
Ingaba zonke izikhongozeli zothuthu zichithelwa kwisikhongozeli semethali esifanelekileyo rhoqo?	☐	☐
Ingaba uyakuthintela ukubeka izikhongozeli zothuthu kwizitulo ezineendawo zokuphumza iingalo apho zinokuwa khona?	☐	☐
Ingaba iimatshisi nelayita zitshixelwa kude – azifikeleleki, azibonakali futhi azikho zingqondweni –zabantwana?	☐	☐
Ingaba uyaqinisekisa ukuba abantwana abancinci abasoze bashiye bodwa ekhaya?	☐	☐
Ukuba unyanzelekile ukuba ubenamakhandlela kwikhaya lakho, ingaba la makhandlela ngowokuhombisa kuphela kwaye, ukuba alayitiwe, awazange ashiye odwa?	☐	☐

 Iingozi zamanzi ashushu nokhuseleko lwequla lokudada	Ewe	Hayi
Ingaba iiketile, iimbiza, iikhomityi, njl-njl, zigcinwa kude nabantwana? (Amanzi ashushu angunobangela wokutsha okuninzi kumakhaya ethu.)	☐	☐
Xa uhlamba abantwana, ingaba uqala ufake amanzi abandayo ngaphambi kokuba ufake amanzi ashushu?	☐	☐
Ingaba ithemostat yegiza yakho yamanzi ashushu isetwe ngaphantsi kwamaqondo obushushu obungama-55 Celsius?	☐	☐
Ingaba iitephu ziboniswe ngokuchanekileyo futhi abantwana bayawazi umahluko phakathi kweetephu zamanzi ashushu nezamanzi abandayo?	☐	☐
Ingaba zonke iintsana 'zikhuselekile ekurhaxweni' futhi bonke abantwana ingaba bayakwazi ukudada?	☐	☐
Ingaba iqula lakho lokudada logqunywe ngenethi?	☐	☐
Ingaba libiyelwe iqula lokudada futhi likwanesango elizivalayo? (Le yimfuneko esemthethweni njengoko abantwana abaninzi berhaxwa emakhaya. Kukwayinto efanelekileyo ukuya kuqeqesho loncedo lokuqala nolwe-CPR.)	☐	☐
 Iindlela ezilungileyo zokugcina izinto	Ewe	Hayi
Ingaba zonke iikhemikhali ezisekhaya zithi zigcinwe kwizingxobo ezifanelekileyo kaye zithi zigcinwe kude nabantwana?	☐	☐
Ingaba onke amayeza athi agcinwe kwizingxobo apho abantwana bangenakho ukuzivula kwaye zithi zigcinwe kude nabantwana?	☐	☐
Ingaba yonke imipu ithi itshixelwe kwisefu ngokufanelekileyo kwaye ethe yaphunyezwa ngabe-SANS?	☐	☐
Ingaba uthi ugcine iindawo zokugcina ezinjengeshedi, ikhabhadi nezigodi zingenawo amaphepha, ifenishala iiragi nezinye izinto ezinokuvutha lula?	☐	☐
Ingaba izinto ezinokuvutha ezinjengepetroli, ithinazi neepeyinti kude zivaliwe kwaye zigcinwe kude neziqhushumbisi?	☐	☐
Ingaba iikhemikhali zamaqula okuqubha zithi zigcinwe kwindawo ekhuselekileyo kwaye zigcinwa kude nencindi enokuvutha nezinye izinto ezizezinye ezinxulumene noko?	☐	☐
Ingaba isigodi (apho ugcina khona izinto ezibalulekileyo) sakho sigqunywe ngemathireyeli engenakuvutha kwaye izinto ezinekovutha uzigcine kude nesigodi sakho?	☐	☐
Ingaba uphahla lwakho alinakho ukuvutha? Ukuba unophahla olufulelweyo/ olwenziwe ngengca, ingaba luye lavanywa ngesabatha somlilo?	☐	☐